I-CUSTOM FEEDING PROGRAM

Ingqungquthela yokuzondla

UFUNZELO- MFUYO OLULUNGELE UMFUYI OZIMESELE UKUHLABELA MGAMA AWELELE NGAPHESHEYA

IMIBA EJONGWAYO UKUZE OTHOLE LILUNGELE UKUFUNZELWA

Umfuyi makaqaphele ikhona imiqathango ekufuneka iphunyelelwe ngumgqeku ukuze ulungele ukufunzelwa.

- Udidi olunegazi lweenkomo zenyama
- Ubudala obuzinyanga ezisixhenxe ukuya kwithoba
- Ubunzima obuyi- 180kg ukuya kwi-220 kg
- Ithole libesempilweni eyiyo
- Ithole litheniwe neempondo zitshisiwe
- Ithole linomtshiso ocacileyo

Amaphuth'ahlathinye

- ComMark
- Philani Farmers Association
- Ngqushwa Farmers Union
- Ngqushwa Agricultural Office
- Amathole District Municipality
- Directorate of Economics and Marketing (Bhisho)
- Pfizer Animal Health
- S N Manjezi and Family

ComMark Tel: 043 642 6420
Ngqushwa Agricultural Office: 040 673 3316

ComMark is funded by the UK's Department for International Development (DFID)

ComMark
MAKING MARKETS WORK FOR THE POOR

AMABEL'ENGWE

Umfuyi uyakuqaphela ukuba intengo-mfuyo yale mihla ithande ukukelela nokugxininisa kwimfuyo eselula. Amathole alunyulwayo angamaduna (kwisithuba seenyanga ezixhenxe ukuya kwithoba) kanye la angekakhumki azuza eyona mali iphezulu ngokomyinge wobunzima. Xa uphononongwa lo mcimbi , uthetha ukuba umfuyi usethubeni lokwenza inzuzo ethe xhaxhe xa enokuthi gqolo ewavuna la mathole eselula kunokuba awalinde ade abe yimiphophothela yeenkabi. Umehluko osoloko ukho phakathi komfuyi osezinzile nomncinci linani lala maduna- loo nto ithethe ukuba umgodlo ongenayo awulingani kwaye ngenxa yeemeko kusenzithinzithi ukuvala umsantsa.

KUYINI OKU KWAYE KUTHETHA NI KUMFUYI

Njengegalelo lokusondeza umfuyi kwimalike ezizizo u-ComMark Trust uthengisa injob'ebandla ngokusungula i-custom feeding program – elufunzelo lomgqeku olufuthelwe kakhulu ziemeko zasemaphandleni. Abafuyi bakhuthwazwa ukuba babe yimbumba (ukuze bangabi lilifa leentonga ezivela kwinkalo ngenkalo nezikwazi ukuyihl'amacongwane indoda inesidima-ihambe ikwina izikhoth'amanxeba izicheba neenduma) bahlanganise amathole ndaweninye ngokomfuziselo wee-feedlot ezinkulu. Nangona ekuqaleni lo mba ubonakala unzima uwenza amadolo abe nengevane eli phulo libonakalisa ngokuphandle ukuba abantu bangagxinisa kubuntu babo- iindleko bayazidibanela ngokwenani lamathole omfuyi ngamnye. La mathole ke ayakufunzelwa iinyanga ezintathu abe afikelele kubunzima bokuxhelwa.

AGCINWA LUHLOBO LUNI DE ABE AVUTHIWE

Umfuyi uyakuqaphela ukuba le yindlela yomfel'andawonye ekhuthaza ukuba abafuyi bambisane ngazo zonke iimfuno zokondla lomgqeku- ngoko ubunini bethole ngalinye bobomnini lowo (ingeniso nelahleko zezabanini mathole). Wona umgqeku ugcinwe ndaweninye apho zonke imfuno zikho- amanzi, ingca yohlobo kunye nomgubo onesondlo. Amayeza okugonya ,awokunyanga nezibulala-ntsholongwane nazo zonke zikho kwaye ziseyenziswa ngemigaqo.

Indoda inesidima-ihambe ikwina izikhoth'amanxeba izicheba neenduma.

Umgubo onesondlo othande ukuba